**Platinum Masikhanyise Ibanga 2 Incwadi YokuFunda**

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, igcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za. Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za.

ISBN 978-1-779-89920-0
ePDF ISBN 978-1-779-89582-0

Umpapashi nguSheila Xaba
Umhleli olawulayo nguKuhle Sentwa
Yahlelwa nguNozibele Mzotyana
Umphandle wencwadi uyilwe yiMML Visual Design
Umfanekiso wekhava yiMML
iNcwadi iyilwe yiMML Visual Design
Imifanekiso yiMML
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa yi-The Icon Agency
Ishicilelwe ngu

# ISALATHISO


## Ikota 1

**Ibali loku-1:** Abahlobo bam (Ibali elingeyonyani) ................................ 1

**Ibali lesi-2:** Bahloniphe bonke abantu (Ibali elingeyonyani) .......... 6

**Ibali lesi-3:** Ungquzulwano (Itekisi enika ulwazi) .................... 11

**Ibali lesi-4:** Khathalela abo bakhubazekileyo (Ibali elingeyonyani) ........................... 16

**Ibali lesi-5:** Iimini zokukhunjulwa (Ibali elingeyonyani) .................... 21

## Ikota 2

**Ibali lesi-6:** Siyalingana! (Ibali elingeyonyani) .............................. 26

**Ibali lesi-7:** Masibe nobubele kuMhlaba! (Itekisi enika ulwazi) .. 31

**Ibali lesi-8:** Iphulo likaMfusi noMvelo (Ibali eyingeyonyani) ..... 38

**Ibali lesi-9:** Isitiya esihle sikaMhanto (Ibali elingeyonyani) . 43

**Ibali le-10:** Masisebenzise kwakhona izinto (Itekisi enika ulwazi) ........................................ 48

## Ikota 3

**Ibali le-11:** Ubomi baseKhwezana (Ibali elingeyonyani) .................... 53

**Ibali le-12:** Imithetho yendlela ibalulekile (Itekisi enika ulwazi) .. 59

**Ibali le-13:** UMzantsi Afrika lilizwe elinomtsalane (Ibali elingeyonyani) ....................................................... 65

**Ibali le-14:** Ubuhlanga obuhlukeneyo (Itekisi enika ulwazi) ....................................................... 71

**Ibali le-15:** Iimini zokukhunjulwa azipheli (Ibali elingeyonyani)........ 78

## Ikota 4

**Ibali le-16:** Imisebenzi eyahlukeneyo (Itekisi enika ulwazi) ....................................................... 85

**Ibali le-17:** Ukuthetha ngesimilo (Ibali elingeyonyani)...................... 93

**Ibali le-18:** Umsebenzi wesazi ngengqondo esikolweni (Ibali elingeyonyani) ............................ 102

**Ibali le-19:** Umsebenzi woonothala beencwadi (Itekisi enika ulwazi) 110

**Ibali lama-20:** Abancedi boluntu ekuhlaleni (Ibali elingeyonyani).. 118

# Abahlobo bam

| Isandi - hl | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| abahlobo | a-ba-hlo-bo |
| bahlala | ba-hla-la |
| Hlomla | Hlo-mla |
| Honelikhaya | Hlo-ne-li-kha-ya |
| Hlobisa | Hlo-bi-sa |
| Hlumela | Hlu-me-la |

| Isandi - dl | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi - dw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| sidlala | si-dla-la | kodwa | ko-dwa |
| ezidlakadlaka | e-zi-dla-ka-dla-ka | adwabe | a-dwa-be |
| elidlamkileyo | e-li-dla-mki-le-yo | bodwa | bo-dwa |
| kudlala | ku-dla-la | lodwa | lo-dwa |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| bam ukuba aba xa kule nguye elinye ezininzi ethe sibaleka okanye kuqala umama abahlobo omnye abantwana kowabo esikolweni abantwana utata bodwa unobubele |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| ezidlakadlaka | ezingakanywanga. |
| adwabe | ukuthetha kakhulu. |
| ukrelekrele | kukuba nokuhlakanipha obugqwesileyo. |
| ulincoko | ngumtu othetha into evakalayo okanye kamnandi. |
| oluphangaleleyo | olukhulu okanye olubanzi. |
| bezitwabulula | kukutsala into. |



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 1 2025/09/28 16:26

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Bangaphi abantwana obabonayo?
2. Ucinga ukuba kutheni bejongene nje behleka?

Abahlobo bam nguHlobisa noHlonelikhaya. Bangamawele asoloko eneenwele ezidlakadlaka, uya kufika bezitwabulula ngekama. Xa sidlala basoloko befuna ukuba kwicala elinye bajongane, bathanda nokuhleka. Xa omnye wethu ethe wenzakala, uHlonelikhaya nguye obaleka kuqala aye kunika uncedo. Ungumntwana onobubele nonolwazi oluphangaleleyo ngezinto ezininzi.





9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 2 2025/09/28 16:26

UHlobisa no-Hlonelikhaya bahlala nabazali babo kwaye ngabo bodwa kowabo. Igama likamama wabo nguHlumela kodwa elikatata wabo lona nguHlomla. UHlobisa mncinci ngomzimba kwaye ufana notata wakhe. UHlonelikhaya ufana nomama wakhe, mde ngomzimba, uyakuthanda



ukuthetha kwaye ulincoko elisokolo linoncumo njengo mama wakhe. Xa sihambele kwikhaya labo siye kudlala, umama wabo uyakuthanda ukuncokola asibalisele namabali.

**Biza eli gama:**

Hlonelikhaya



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 3 2025/09/28 16:26



UHlonelikhaya undwebile, ukrelekrele, uyonwabisa kwaye ubakhathalele abantu.
Ulwazi lwakhe lodwaulukhuphela kwabanye abantwana ngokuba abancede xa benengxaki kwizifundo zabo. Ukwanceda abanye ngokubaluleka xa benengxaki naxa besilwa nabanye abantwana esikolweni.

**Biza ezi zandi:**



dw, hl, dl



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 4 2025/09/28 16:26

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngoobani amagama aba bantwana?
2. Yintoni iwele? Chaza.
3. Elinye iwele lohluke njani kwelinye?
4. Ahlala nabani lamawele kwikhaya lawo?
5. Ubungathanda wena ukuba liwele?

## Umsebenzi

1. Biyela isandi sokuqala kula magama.
   - **a.** hlala
   - **b.** hlola
   - **c.** dlala
   - **d.** dlisa
   - **e.** dwaba
2. Fakela isandi kwigama ukwenza isimelabizo esichanekileyo.
   - **a.** Abahlobo_____ona.
   - **b.** Imizi _______ona.

**c.** UHlonelikhaya ___ena.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indd 5 2025/09/28 16:26

# Bahloniphe bonke abantu

| Isandi - hl | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| umhloli | u-mhlo-li |
| ukuhlonipha | u-ku-hlo-ni-pha |
| sihlala | si-hla-la |
| sihleke | si-hle-ke |
| Ahluma | a-hlu-ma |
| hlonitshwe | Hlo-ni-tshwe |
| emhle | e-m-hle |
| abahle | a-ba-hle |
| Hlumelo | Hlu-me-lo |
| imihla | i-mi-hla |

| Isandi - zw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| ilizwe | i-li-zwe |
| ukuzwabuluka | u-ku-zwa-bu-lu-ka |
| amazwe | a-ma-zwe |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| izitya kufike ekhaya kaloku simamele kube epheka ukuze uthanda nje emva nawe hleka phakama imihla ootitshala namhlanje ukuncedisa elimnandi omkhulu |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| umhloli | ngumntu ohlola izinto. |
| ukuzwabuluka | ngumntu owenza into ngookonqena. |
| isidlo | kukutya |
| igadi | kulapho sityala khona iziqhamo nemifuno. |
| siyabelana | kukwahlulelana ngalonto. |



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 6 2025/09/28 16:26

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Kukuthini ukuhlonipha?
2. Wena ubahlonipha njani abanye abantu?

Sihlala kwilizwe lokumamela. Simamela omdala nomncinci. Sihlonipha omdala nomncinci. Hlonipha ukuze nawe uhlonitshwe. Kuhle ukuhlonipha imihla yonke. Ukuzwabuluka xa uthunywa kubonakalisa ukungahloniphi. Umtwana ohloniphayo uyathandeka ebantwini bonke. U-Ahluma unegama elimnandi, uyakuthanda ukuhleka. Musa ukuzwabuluka, phakama! Umakhulu wam wayemhle waza waba nabantwana abahle, abahloniphayo.





**Biza ezi zandi:**

zw, hl



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 7 2025/09/28 16:26

Namhlanje esikolweni kufike umhloli. Ootitshala bahamba ngokubaleka. Umhloli ngumntu omkhulu ohlonitshwayo, uhamba ehlola izikolo. Lo mhloli uhambela amanye amazwe ukufunda ngezemfundo nokufundisa. Kwezinye izikolo ufika abafundi bengenzinto. Abanye abafundi abahloniphi kwaye basokolisa ootitshala babo. Hloniphani ootitshala benu bafundi nani nihloniphane ukuze kuhlalwe ngoxolo.

**Qhekeza igama ngokwamalungu**

Ahluma





9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 8 2025/09/28 16:26



Ekhaya sibahlanu, ndim, utata, umama, uHlonela kunye no-Ahluma. nomama, uHlumelo kunye no Ahluma. Sihlala ngoxolo nothando, umama notata basifundisa ukuhlala ngoxolo.

U-Ahluma uyakuthanda ukulala kodwa yena uHlumelo uthanda ukuncedisa umama xa epheka. Siyabelana ngokulinganayo ngomsebenzi, mna notata sihlamba izitya emva kwesidlo. U-Ahluma uhlakula egadini nangona ezwabuluke nje. "Hlakula kwedini nawe sikwabele!" watsho utata ku Ahluma.

**Lungisa eli gama:**




phahloni

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngubani lo kufuneka ahloniphe?
2. Mangaphi amalungu alo mzi? Wabale.
3. Yintoni isidlo?
4. Uyavumelana nale ntetho: Hlonipha ukuze uhlonitshwe?
5. Ucinga ukuba kutheni kweli khaya besabelana ngomsebenzi?

## Umsebenzi

1. Qhekeza la magama ngokwamalungu.
   a. umhloli
   b. ukuhlonipha
   c. zwabuluka
2. Fakela isandi kwigama ukwenza isimelabizo esichanekileyo.
   a. Umhloli _______ena
   b. Isikolo ________ona.
   c. Ootitshala _______ona.
   d. Ilizwe _______ona.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 10 2025/09/28 16:26

# Ungqquzulwano

| Isandi - lw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi - kw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| esikolweni | e-si-ko-lwe-ni | kwabantu | Kwa-ba-ntu |
| esitulweni | e-si-tu-lwe-ni | kwamaqela | Kwa-ma-qe-la |
| esilwa | e-si-lwa | kwexesha | Kwe-xe-sha |
| Lwando | Lwa-ndo | kwedini | Kwe-di-ni |
| besilwa | Be-si-lwa | kwesaa | Kwe-saa |
| ungqquzulwano | u-ngqu-zu-lwa-no | kwabanye | Kwa-ba-nye |

| Isandi - qw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| ukuqwalasela | u-ku-qwa-la-se-la |
| Qwebile | Qwe-bi-le |
| ukuqwebisa | u-ku-qwe-bi-sa |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| apha umntu ngoko lowo sele wena yakhe wafika bade nawo uthe embi amabini esithi phakathi izolo abantwana phambi phandle uphendule umlo |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| ukuqwalasela | ukujonga nzulu |
| kwedini | umfana omncinci |




9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 11 2025/09/28 16:26

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Jonga umfanekiso ongezantsi, qikelela ukuba kuza kuthethwa ngantoni.
2. Yintoni ungquzulwano?
3. Ungquzulwano yinto entle okanye embi?
4. Ucinga ukuba ungquzulwano yinto elungileyo okanye yinto embi?

Ungquzulwano yingxabano phakathi kwabantu ababini, okanye umlo phakathi kwamaqela amabini. Umlo yinto embi, ayintlanga ayibukeleki. Izolo besisesikolweni uLwando ubehleli esitulweni. Emva kwexesha waphakama waphuma. Ufikile uQwebile waya kuhlala kwesaa situlo besihleli uLwando. Kaloku uQwebile ebethanda ukuqwebisa kwabanye. Wafika uLwando sele evutha ngumsindo esithi, "suka kwedini."



Uthe engekaphenduli uQwebile, wasibhukuqa uLwando isitulo wayo kuwa phantsi uQwebile.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 12 2025/09/28 16:26

UQwebile uphakamile seyisiya kuye, banqandwa ngabanye abantwana, kwabizwa utitshalakazi. Wafika utitshalakazi wema phakathi kwabo, wababuza ukuba benzani.



Abanye abantu bayadelela, loo nto ibangele ukuba bacaphukisane bade balwe. Yiyo lento uQwebile wazibona sele esilwa engacingelanga. Utitshakazi wabaqwabulula wababizela e-ofisini yakhe efuna ukuqwalasela unobangela womlo lowo. Endaweni yokuchaza unobangela basuka baphikisana apha phambi kotitshalakazi. Utitshalakazi wathetha nabo, ebabonisa ukuba ukulwa akulunganga. Abakwazi ukuzibona sele besilwa ngaphandle kwesizathu.

**Biza ezi zandi:**



qw, lw, kw




9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 13 2025/09/28 16:26

Utitshalakazi ubize abantwana bonke waza wabaxelela ngeendlela zokucutha iingxabano.

**Nazi izinto okufuneka uzenze:**

- suka endaweni enomlo.
- nikanani amathuba xa nithetha.
- cinga phambi kokuba uphendule.
- yihla xa omnye enomsindo.
- zihloniphe, zithembe, funda kwimeko nganye.




**Lungisa eli gama:**




elweniku



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 14 2025/09/28 16:26

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngoobani amagama aba abantwana babesilwa?
2. Ngubani owaqala ungquzulwano?
3. Nika igama elithetha into enye neli: ungquzulwano.
4. Umntu wenza ntoni ukunqada ukuba angalwi nomnye umntu?
5. Sifunda ntoni kweli?

## Umsebenzi

1. Fakela isandi esishiyiweyo. Khetha kwezi zandi: kw, lw, qw
   - **a.** _______alasela
   - **b.** ________edini.
   - **c.** esitu______eni.
2. Fakela isandi kwigama ukwenza isimelabizo esichanekileyo.
   - **a.** Umlo ________ona.
   - **b.** Abanye ________ona.
   - **c.** UQwebile ________ena.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 15 2025/09/28 16:26

# Khathalela abo bakhubazekileyo

| Isandi - cw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi - jw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| Lucwecwe | Lu-cwe-cwe | Jwarha | Jwa-rha |
| cwangco | cwa-ngco | jwi | jwi (lilungu elinye) |
| cwaka | cwa-ka | bangabanjwa | Ba-nga-ba-njwa |

| Isandi - nw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| eneenwele | e-nee-nwe-le |
| onwabile | o-nwa-bi-le |
| Nwabisa | Nwa-bi-sa |
| olonwabisayo | O-lo-nwa-bi-sa-yo |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| ezi musa veki naye zabo abo yiya wathi umntwana ufunda nabo igama sakhe ezinde kuye isandla abanye ekhaya bazalwa eneenwele esibhedlele ngeenyawo |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| ngocwangco | Into eyenzeka kakuhle ngokupholileyo. |
| edlamkile | enwabile |
| abalimeleyo | Kukonzakala, mhlambi ilungu lomzimba lingakwazi ukusebenza ngendlela eqhelekileyo. |
| sizithobe | Ukubonisa imbeko |



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 16 2025/09/28 16:26

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Funda isihloko, ucinga ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Yintoni oyenzayo ukunceda umntu okhubazekileyo?
3. Ucinga ukuba abantu bazifumana phi izitulo ezinamavili?

Kule veki iphelileyo bendikhe ndagula waza umama wam wandisa kwisibhedlele esikufuphi iLucwecwe. Kwakukho nabantu abasimelela ngeentonga, nabahamba ngezitulo ezinamavili.



**Biza ezi zandi:**

cw, jw, nw



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 17 2025/09/28 16:26

Abanye behamba ngeenyawo kodwa kubonakala ukuba balimele emilenzeni nasezingalweni. Omnye umntwana wandijonga wancuma. Wayebona ukuba ndiyamsizela kuba isandla sakhe sasibonakala ukuba asisebenzi. Wathi umama yiya kuye udlale naye, kodwa ungamsizeli. Ndiyile kuye ndambuza igama lakhe. Wathi unguNwabisa ufunda kwisikolo ekuthiwa kusemaJwarheni. Wayemhle uNwabisa eneenwele ezinde, edlamkile enoncumo olonwabisayo. Wayehleli ecaleni kwenye inkwenkwe egama layo linguCwaka. Igama lakhe lalimlandela kuba ndathi ndakuthetha naye akaphendula. Wathi cwaka!

Sakufika ekhaya umama undichazele ngabantu abalimeleyo, kuba wayekhe wancedisa eLucwecwe.



**Qhekeza igama ngokwamalungu**

amaJwarha



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 18 2025/09/28 16:26

Uthe abababantu balimele ngeendlela ezahlukileyo abanye bazalwa benjalo kanti abanye benzakala. Kufuneka sibancede, singabandlandlathekisi, sithethe kakuhle nabo kodwa singabasizeli. Musa ukubasizela buza! Mxelele xa ufuna ukumsusa, masibaphathe njengabanye abantu sibahloniphe. Umntu olimeleyo ngumntu opheleleyo, uyazithethela, uyazenzela izinto. Abanye bayakwazi ukusebenzisa amalungu omzimba angachaphazelekanga ekulimaleni. Masincokole nabo, sidlale nabo kwaye sibancede. Masibakhuthaze, banikwe amathuba okuphuhlisa izakhono zabo.



**Lungisa eli gama:**




leunwe



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 19 2025/09/28 16:26

## Imibuzo emva kokufunda

1. Yintoni igama lesibhedlele ekuthethwa ngaso?
2. Singabancedisa njani abantu abalimeleyo?
3. Yintoni ekufuneka singayenzi kubo, Ngoba?
4. Ukuba ubungumntu okhubazekileyo, ubuza kufuna abantu bakuphathe njani?
5. Sifundo sini osifundayo kweli bali?

## Umsebenzi

1. Fakela isandi u-cw emagameni.
   - **a.** ________aka
   - **b.** __________ethe
   - **c.** _________ecwe
   - **d.** _________angco
2. Fakela isandi kwigama ukwenza isimelabizo esichanekileyo.
   - **a.** Abakhubazekileyo ______ona.
   - **b.** Amavili ____________ ona.
   - **c.** Izakhono __________ona.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 20 2025/09/28 16:26

# Iimini zokukhunjulwa

| Isandi - xw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|
| Xwebeyithambisa | Xwe-be-yi-tha-mbi-sa |
| sixwebe | Si-xwe-be |
| nisixwaxwe | Ni-si-xwa-xwe |
| baxwaya | Ba-xwa-ya |

| Isandi - sw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu | Isandi - tw | Ukuqhekeza amagama ngokwamalungu |
|---|---|---|---|
| oludweliswe | o-lu-dwe-li-swe | tweba | Twe-ba |
| kubanjiswane | Ku-ba-nji-swa-ne | Twayiza | Twa-yi-za |
| kuvuyiswane | Ku-vu-yi-swa-ne | | |
| Swazi | Swa-zi | | |

| Amagama abonwa rhoqo |
|---|
| qho ukufunda sikhulise ukuba ukubhala yonke |
| imbeko ndive ngenxa ukukhunjuzwa iimini zange |
| kaloku utitshalakazi nathi unyanisile ukufunda |
| ngokuba ingqondo baqhwaba lonke sikwazi |

| Isigama | Intsingiselo |
|---|---|
| bucala | into ebekwe bucala yinto ebekelwe ecaleni. |
| umonde | ukuba nomoya osezantsi, ukwazi ukulinda. |
| kubanjiswane | kudityaniswe iingqondo okanye iimbono. |



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 21 2025/09/28 16:26

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Yeyiphi imini oyikhumbula qho enyakeni?
2. Kwenzeka ntoni ngale mini?
3. Uyichitha nabani le mini?

Iimini zokukhunjulwa ziimini ezinomahluko empilweni yakho. Phakathi kweemini zokukhunjulwa singabalula ezi: **Imini yokuzalwa, imini yootata, imini yoomama**. Iimini zootata noomama zikhunjulwa minyaka le kwaye zikuluhlu lweentsuku oludweliswe kwikhalenda.




**Qhekeza igama ngokwamalungu:**

edwanguza



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 22 2025/09/28 16:26



Phakathi kwezi ntsuku kukwakho nemini yootitshala ekhunjulwa lihlabathi lonke.

"Ekhaya ndiqhele ukukhunjuzwa ngomhla wam wokuzalwa, le mini yootitshala zange ndive ngayo tu," watsho uXwebeyithambisa, edwanguza sele etweza lo mlomo wakhe. "Tyhini! Akucingi ukuba ibalulekile nayo?" wadwebeleza, wabuza uTwayiza. "Yimani kaloku ndinibalisele. Kukho usuku olubekelwe bucala, elokuvuyisana nabo bonke ootitshala elizweni lonke. Lusuku lokuba kuvuyiswane, kubanjiswane kunikwa imbeko, kusenziwa nombulelo ngenxa yemisebenzi yabo emihle," wongeze watsho utitshalakazi.

**Biza ezi zandi:** 

tw, sw, dw



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 23 2025/09/28 16:26

"Unyanisile utitshalakazi, ootitshala basebenza imihla yonke ukuze sikwazi ukufunda nokubhala," watsho uSwazi. Uphakamile uTwayiza wathetha notitshalakazi wenjenje, "sizaku vuyisana nani qho ngemini yenu. Sikhumbule inxaxheba eniyenzileyo kuthi bafundi ngokuba nisifundise, nisikhulise, nisivule ingqondo. Nisoloko ninomonde, ninobubele. Anisoloko nisixwaxwa side sixwebe imilomo. Sinqwenela ukuba ngootitshala nathi xa sibadala. Siza kuniculela sixhentse ukuze le mini yenu ingapheli ezingqondweni zethu." Baphakama baqhwaba bonke abantwana. Saphuma isikolo, baxwaya izingxobo zabo zeencwadi bahamba.

**Biza eli gama:**

uSwamile





9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indb 24 2025/09/28 16:26

## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngubani lo kuthethwa ngaye kweli bali?
2. Ubaluleke ngantoni?
3. Singamncedisa njani ukuze umsebenzi wakhe ube lula?
4. Nika igama lomfundi owenze intetho.
5. Ucinga umsebenzi katitshala wahluke njani umsebenzi wakhe kumsebenzi owenziwa lipolisa?

## Umsebenzi

1. Biza la magama.
   - **a.** Uxwebhu
   - **b.** itwayini
   - **c.** kubanjiswane
   - **d.** Etweza
   - **e.** Ukuxwaya
2. Fakela isandi kwigama ukwenza isimelabizo esichanekileyo.
   - **a.** Usuku ________ona.
   - **b.** Ikhalenda________ona.
   - **c.** Iimini ____________ona.



9781779899200_plt_lan_g02_rd_xho_za.indd 25 2025/09/28 16:26